

IIMPAWU EKUMELE ZIQATSHELWE NGOKUNGXAMISEKILEYO NGOOMAMA ABAKHULELWEYO



Intloko ebuhlungu
engapheliyo
okanye eqatselayo
njengoko ixesha
lihamba



Isiyezi okanye
ukufeyinta



lingcinga
zokuzenzakalisa
okanye
ezokonzakalisa
usana lwakho




Ukutshintsha
kwendlela
obona ngayo



Ifiva



Ingxaki yokuphefumla



Ukuba buhlungu
kwesifuba
okanye ukubetha
ngamandla
kwentliziyo



Ukuba buhlungu
kakhulu
nokungapheliyo
kwesisu




Isicaphucaphu
esimandundu
kanye nokugabha
(okungafaniyo
nokugula kwakusasa)



Ukuyeka okanye
ukushukuma
komntwana
kancinci



Ukopha okanye
ukuphuma amanzi
kwilungu lobufazi
ngelixa ukhulelwe



Ukopha okanye
ukuphuma
kwamanzi
kwilungu lobufazi
emva kokuba
ukhulelwe



Ukudumba,
ukuba neendawo
ezibomvu, okanye
ukuba buhlungu
kwemilenze yakho



Ukudumba
kakhulu
kwezandla
okanye
kobuso bakho



Ukudinwa
kakhulu

Ukuba unazo naziphi na kwezi zigulo ngexesha lokukhulelwa okanye emva kokukhulelwa, qhagamshelana nomboneleli wezonyango uze ufumane uncedo ngoko nangoko.

Ukuba awukwazi kuqhagamshelana naye, yiya kwigumbi likaxakeka esibhedlela. Ungalibali ukubachazela ukuba ukhulelwe okanye awukamgqibi unyaka emva kokuba ukhulelwe.

Funda ngakumbi: <https://saferbirth.org/aim-resources/aim-cornerstones/urgent-maternal-warning-signs/>



Fota ukuze
ufunde
ngakumbi

© 2022 American College of Obstetricians and Gynecologists. Kuvumelekile ukulikopa nokulipapasha eli xwebhu, ukuba nje kuphela awutshintshi nto kwaye kumele lisetyenziselwe kuphela iinjongo zokufundisa, ezokuphucula umgangatho, kunye nezokukhusela izigulane kungekho zinjongo zentengiso. Zonke ezinye iimvume zokusebenzisa olu xwebhu zifuna imvume evela kwi-ACOG.